## Iyakuqala nini ukusetyenziswa leNkqubo yokuHlelwa kwemiJelo yaManzi Ngubani ofanele ayimisele?

iSebe lezaManzi lisebenzisa iCandelo loLawulo: ukuHlelwa kwemiJelo yaManzi, ukuqinisekisa ukuba iWRCS iyamiselwa nokuba iiNdidi zokuPhathwa zithi zifakwe kwigazethi;

Isiphumo senkqubo yokuhlela sinceda abaphathi bemiJelo yamanzi ngokuthi bayile iithagethi ezingqalileyo ezimele zifikelelwe ngokuqwalasela ifuthe elihlobene neendlela ezahlukeneyo zokusetyenziswa kwamanzi kwingingqi eqokelela amanzi. Kwakuba kumiselwe iMC, ngumsebenzi wabo bonke abo basebenzisa amanzi ukulawula ifuthe lokusebenzisa kwabo amanzi ngokuthobela imiqathango yokunikwa kwabo igunya lokusebenzisa amanzi ukuze kufezekiswe iimfuno zeMC;

## Abo basebenzisa amanzi baza kuyazi njani eyona nto iqhubekayo?

Kuza kubanjwa iintlanganiso ngokubanzi nabo bonke abanebango kwinqanaba ngalinye lenkqubo.

## Inkqubo yokuhlela inxulumene njani namanye amaphulo asele eqhutywa liSebe lezaManzi?

Inkqubo yokuhlela ayenziwa iyodwa ngokwahlukileyo kwamanye amaphulo aqhubekayo sithetha nje, kodwa ihlanganiswe nesicwangciso sisonke sokukhuselwa, ukuphuhliswa nokusetyenziswa kwemijelo yamanzi.

## Injani imeko ngoku yaye sithini isicwangciso sokumiselwa kwenkqubo yokuhlela?


Ukuphuhliswa kweWRCS kuye kwaphumela ekuvelisweni kweMimiselo yokuSekwa kweNkqubo yokuHlelwa kwemiJelo yaManzi, epapashwe yanguMmiselo 810 kwiGazethi yasebuRhulumenteni 33541 yomhla we-17 kaSeptemba 2010.

Ukupapashwa kwale mimiselo kuza kuphumela ekumiselweni ngokwezigaba kweWRCS kwiingingqi eziqokelela amanzi ezibekwe kwindawo yokuqala.

### Ukukhuselwa kwemijelo yamanzi

Lo mboniso ocwangcisiweyo ngezantsi ubonisa inkqubo yokuhlelwa kwemijelo yamanzi njengenyathelo lokuqala lokulinganisa ukukhuselwa kwemijelo yamanzi, kunye nokusetyenziswa kwayo ngokwenkqubo-sikhokelo yokuPhathwa okuHlanganisiweyo kwemiJelo yaManzi.

**AMANYATHELO AJOLISWE KWIMIJELO YAMANZI**




**ULAWULO OLUJOLISWE KWIMIJELO YAMANZI**

## EZINYE IINKCUKACHA

Xa ufuna ulwazi oluthe vetshe qhagamshelana no
**Ms. Tovhowani Nyamande**
012 336 7521
nyamandet@dwa.gov.za
okanye u
**Ms. Shane Naidoo**
012 336 6707
naidooshane@dwa.gov.za

water affairs
Department:
Water Affairs
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# UKUMISELWA WENKQUBO YOKUHLELWA KWEMIJELO YAMANZI



**Toll Free 0800 200 200**
**www.dwa.gov.za**

## Imvelaphi /Intshayelelo

Kuyaqondakala ukuba eminye imijelo ekhongozela amanzi (amadama namachibi) kusenokufuneka inikwe ingqwalasela ethe kratya ngenxa yokubaluleka kwayo kwizilwanyana nezityalo eziphila ngaphakathi okanye kufuphi kuyo. Ngaxa limbi le mijelo ithi idlale indima enkulu kuphuhliso lweli lizwekazi nasekunyuseni ezoqoqosho. Kwiinzame zokuxhasa iimfuno zoMGaqo-siseko weli malunga nophuhliso oluzinzileyo, ngokunjalo nemijelo yamanzi imele inonotshelwe khon'ukuze ibe nakho ukuthwala amanzi ixesha elide. Isahluko sesi-3 soMthetho weSizwe wezaManzi, iNational Water Act – iNWA ukutsho (uMthetho 36 ka-1998), sithetha ngokubanzi malunga nemfuneko yokunonotshelwa kwemijelo yamanzi, yaye siwabeka elubala amanyathelo alungiselelwe kanye oko ngokuthi sibangule nezabatha zophuculo ezifana nolwahlulahlulo lwemijelo ngokweendidi ngeendidi khonukuze kufunyanwe indlela echanekileyo yophuculo elungele udidi ngalunye lomjelo. Ukunika inkxaso kwiphulo lophuculo lwemijelo yamanzi, iSebe lezaManzi (iDWA) lisungule iNkqubo yokuHlelwa kwemiJelo yaManzi (iWRCS) ngokoMmiselo-12 (1) woMthetho iNWA. I-WRCS linyathelo eliphambili lenkqubo yokuhlelwa kwemijelo yamanzi ngokweendidi ezithile . Phakathi kwezi ndidi kukho olo lubethelela imicimbi efana nolawulo lwemiba enjengoqokelelo lwamanzi kungqalwe kwimeko yomjelo nakwimiba yokhuselo lwezityalo nezilwanyana eziya kuphila phakathi nakufuphi kwaloo mjelo uphantsi kovavanyo, ndawonye nemeko yezentlalo yoluntu nokuchonga amathuba ezoqoqosho anokuvela. Kubalulekile ke ngoko ukuba xa liqaliswa eli phulo lophuculo lwemijelo yamanzi (i-WRCS) kuqwalaselwe imiba efana nezentlalo yoluntu, amathuba ezoqoqosho nako konke okuphilayo kufuphi nomjelo lowo uphantsi kovavanyo, nto leyo yenzelwa khon'ukuze kuhlolwe inzuzo neendleko ezenziwayo ngokusetyenziswa kwale mijelo xa kuthelekiswa nezo zenziwayo kwiinzame zokunonotshelwa kwale mijelo yamanzi.

I-WRCS ibalula iindidi ezintathu zemijelo yamanzi, ingqale ekwahluleni leyo iza kusetyenziswa kancinane kuleyo iza kusetyenziswa kakhulu, ngokuqwalasela iimfuno zentlalo yabantu abahlala kufuphi naloo mjelo uthile ndawonye namathuba ezoqoqosho anokubavelela. I-WRCS liphulo phakathi kwamanye awenzelwe ukuqwalasela umba wemijelo yamanzi, kungqalwe ekuphatheni imicimbi yosetyenziso nononophelo lwayo ngokulinganayo. Ukuhlelwa kwemijelo yamanzi lilinge lokuqala kwinkqubo yononophelo lwemijelo yamanzi futhi sithemba kananjalo ukuba ngale nkqubo kuza kucaca gca ukuba ungakanani na umthamo wamanzi ofunekayo, lingakanani lona izinga lococeko lwamanzi elifunekayo khon'ukuze oko kuphilayo phakathi okanye kufuphi naloo mjelo uthile kuxhamle ngokufanelekileyo, ngokunjalo namathuba ezoqoqosho avelayo ngodidi oluthile lomjelo wamanzi alawulwe ngendlela efanelekileyo.

**Imijelo yamanzi imele ihlelwe ibe zezi ndidi zilandelayo:**

**Udidi loku-I** lo ngumjelo wamanzi osetyenziswa kancinane yaye imeko xa iyonke yendalo engqonge loo mjelo ayitshintshi kuyaphi ukusuka kwimeko obukuyo ngaphambi kophuhliso
**Udidi lwesi-II** lo ngumjelo wamanzi osetyenziswa ngezinga eliphakathi yaye imeko xa iyonke yendalo engqonge loo mjelo ayitshintshi ngokugqithisileyo ukusuka kwimeko obukuyo ngaphambi kophuhliso
**Udidi lwesi-III** lo ngumjelo wamanzi osetyenziswa kakhulu yaye imeko xa iyonke yendalo engqonge loo mjelo itshintsha kakhulu ukusuka kwimeko obukuyo ngaphambi kophuhliso

**Inkqubo yokumisela udidi lomjelo wamanzi:**

1. Bonisa amacandelo ohlalutyo uze uchaze imeko okuyo ngoku umjelo wamanzi;
2. Nxibelelanisa ukuxabiseka ngokwezentlalo noqoqosho nokwendalo engqongileyo kunye nemeko yomjelo wamanzi;
3. Linganisa ubuninzi beemfuneko zamanzi kwindalo engqongileyo neenguqu kwiimpahla, iinkonzo neempawu zezixokelelwano zendalo engqonge loo mjelo wamanzi ezisemgangathweni nezingenanto yakwenza namanzi;
4. Misela uyilo lokwakheka okusisiseko oluzinzileyo ngokwezendalo engqongileyo;
5. Phonononga uyilo lokuqhubekayo kwinkqubo yolawulo lwemijelo yamanzi, iIWRM ngelasemzini
6. Phonononga uyilo lokuqhubekayo kunye nabo banebango;
7. Faka kwigazethi ukwakheka kweendidi

## IMIBUZO EBUZWA KAKHULU

### Yintoni iNkqubo yokuHlelwa kweMijelo yaManzi (iWRCS)?

Uluhlu lweenkqubo ezisungulwe ngokwemiqathango yoMthetho omisiweyo ukuze kumiselwe iindidi ngeendidi zemijelo yamanzi, olo luhlu lweenkqubo lubizwa ngokuba "ngooNdoqo boLawulo" (iiMC ngelasemzini).

Ukuze kumiselwe iiMC, iWRCS ibeka elubala uluhlu lweenkqubo ezibekwe ngokwamaqela amanyathelo asixhenxe ekuza kuthi xa esetyenziswa kwingingqi ethile yokuqokelelwa kwamanzi, ekugqibeleni ancedise kwinkqubo yokugcina ukulingana phakathi kokukhuselwa kwemijelo yethu yamanzi nokusetyenziswa kwayo ekufezekiseni iinjongo zoqoqosho nezentlalo. Ekugqibeleni kulindeleke ukuba le nkqubo yokuhlela ivelise iimpawu ezinqwenelekayo zomjelo ngamnye wamanzi kwingingqi yokuqokelelwa kwamanzi. Iinkqubo zokuhlelwa ezinamanqwanqwa asi-7 zithiwe thaca kumaxwebhu esikhokelo sobugcisa obungqina afumaneka kolu thungelwano lulandelayo: http://www.dwa.gov.za/Documents/Policies/WRPP/default.htm

### Kutheni kufuneka sibe nokuhlelwa kwemijelo yamanzi?

Ukumiselwa kodidi lwemijelo yamanzi linqanaba lokuqala kwinkqubo yokukhuselwa kwawo.

### Yintoni uDidi lokuPhathwa okanye uNdoqo woLawulo (i-MC)?

Xa kuthethwa ngoDidi lokuPhathwa, oluza kwahlukanisa ukusuka kwimijelo esetyenziswa kancinane ukuya kwesetyenziswa kakhulu, ngokusisiseko kuchazwa imeko enqwenelekayo yomijelo, kwakunye neqondo onokusetyenziswa ngalo.

### Iza kuquka ntoni inkqubo yokuhlela?

Le nkqubo iqalisa ngokusebenzisa iWRCS ekuchazeni imeko okuyo ngoku umjelo wamanzi (okanye inxenye yawo) ngokwendalo engqongileyo nezinto eziphilayo. Emva koko kuqaliswa inkqubo yokubonisana nalapho kusetyenziswa inkqubo yokuhlela ekuqwalaseleni iinkangeleko zendalo engqongileyo, zentlalo nezoqoqosho, ekuchazeni imeko enqwenelekayo kwixesha elizayo.

### Ekugqibeleni ziziphi iziphumo ezilindelekileyo zenkqubo yokuhlela?

IiNdidi zokuPhathwa, NOKUBA nguVimba okuDidi loku-I, lwesi-II, okanye lwesi-III liNjongo zoMgangatho wemiJelo (iiRQO)

### Yintoni uNxibelelwano lwemiJelo enguVimba kunye nee-RQO?

I-MC yomjelo wamanzi imisela imida yomthamo, ukusasazwa nomgangatho womJelo onguVimba neeRQO yaye ke ngoko inefuthe ekumiselweni kwenxalenye yomjelo wamanzi emele isetyenziswe. IiRQO luluhlu lweenjongo zokuphatha ezibaliswayo kunye/okanye ezibaliweyo ezichaziweyo zawo nawuphi na umthombo othile

### Kuza kwenzeka ntoni kwimiJelo enguVimba yokuQala?

Le iza kuhlala ikhona de ithathelwe indawo yiMC efakwe kwigazethi, umJelo onguVimba neeRQO zomjelo othile wamanzi (okanye inxenye yawo).